



UGcina uzigcina esempilweni



NguNomsa Mokoena





Bhotani!

Igama lam nguGcina. Ndiza kunichazela indlela endizinyamekela ngayo.

UMama uthi kubalulekile ukuyikhathalela imizimba yethu.

Esikutyayo nesikuselayo kubalulekile. Ukuhlala ucocekile nokwenza imithambo kubalulekile. Esikunxibayo nexesha esilichitha silele nako kubalulekile





Nditya ukutya okuninzi okunempilo okufana nemifuno, iziqhamo, amaqanda, amandongomane, isidudu sengqolowa, inkukhu nentlanzi

Iitshiphusi, ikeyiki, iibhiskithi, idombolo neelelese zimnandi kodwa azikho sempilweni. Ndizitya kuphela ngamaxesha akhethekileyo.





Ndizigcina ndisempilweni ngokusela amanzi amaninzi acocekileyo. UTata wandichazela ukuba amanzi ancedisa ukucoca imizimba yethu ngaphakathi.

Ndikwasela nobisi, lona lwenza amazinyo am ahlale omelele.

Umnakwethu uNjabulo uyaluthanda ubisi!

Izisele ezibandayo nejusi yeziqhamo zimnandi kodwa azikho sempilweni. Nazo ndizisela ngamaxsha akhethekileyo.

Kufuneka sisele iiglas zamanzi ezi-8 ngosuku.





UMama uthi ukugcina imizimba yethu
icocekile kusinceda ukuyigcina isempilweni.
Ndizihlamba rhoqo izandla zam. Oku
kuthintela iintsholongwane zingafikeleli
kwamanye amalungu omzimba wam.

Ndibala ukuya kwishumi xa ndizihlamba.
Oku kukuqinisekisa ukuba zicocekile
ngokwenene.

Ndikwaxukuxa rhoqo kusasa nasebusuku
phambi kokuba ndilale.





Ndinxiba ngokuxhomekeka kwimozulu.
Ebusika ndigcina iinyawo zam zifudumele
ngeekawusi. Ndigcina intloko yam ifudumele
ngomnqwazi, intamo yona ndiyifudumeza
ngesikhafu. Ijezi igcina umzimba ushushu.
Kubalulekile oku, ukuze ndingaguli.

Ehlotyeni ndinxiba iimpahla
ezinjengebhlukhwe emfutshane, izikipa
neembadada ukundigcina ndipholile.
Phandle ndithwala ikepusi ukukhusela ubuso
bam kwimitha yelanga





Kubalulekile ukuzilolonga ixesha elifutshane yonke imihla ukuzigcina ndisempilweni.

Rhoqo emva kwemini ndiphuma phandle, nditsiba tsibe kugqaphu. Oku kunceda ukugcina umzimba wam womelele ufaneleke.





Kufuneka ndivuke ngentsimbi yesi-6 ekuseni ndilungiselele ukuya esikolweni. Ngoko ndicima isibane sam ngentsimbi yesi-8 ebusuku.

UTata wandichazela ukuba umzimba nengqondo yam ziyaphumla ikhule xa ndilele. Ukulala kakuhle ngethuba ebusuku kundinceda ndinikele ingqalelo ndize ndifunde esikolweni.

Abantwana besikolo samabanga aphantsi badinga iiyure ezi-10-11 zokulala.





Ndiyakwazi ukuzinyamekela kakuhle.
Ndiyazingca ngokubasempilweni.
Ndifundisa uNjabulo ukuba abe sempilweni.
Ndiyathemba nawe uzigcina usempilweni.